**Ooceba boomasipala** ngamalungu oluntu anyulelwa ukuze amele iimfuno zoluntu lwengingqi kwibhunga likamasipala.

Ooceba **banyulwa rhoqo emva kweminyaka emihlanu kunyulo loorhulumente beengingqi njengenxalenye yombutho wezopolitiko okanye njengabagqatswa abazimele geqe**. Bagunyazisa imithetho, izicwangciso neenkqubo, kwaye babeka iliso ekusebenzeni komasipala lowo.

Abanye ooceba banyulwa njengesikhokelo sezopolitiko kumasipala lowo, umzekelo njengosodolophu okanye njengosomlomo.

**Ooceba banyulwa ngelixa lonyulo loorhulumente beengingqi rhoqo emva kweminyaka emihlanu.**

**Qinisekisa ukuba ubhalisile kwisithili sokuvota ohlala kuso ukuze ube kuluhlu lwabavoti!**

## Iintlobo zooceba

Kukho iintlobo zooceba ezimbini ezahlukeneyo.

- **Ooceba beewadi ngabantu abanyulwa ngabahlali ngqo ukuze bamele abo bahlala kwimimandla eyaziwa ngokuba ziiwadi (iingingqi).** Umgqatswa ofumana ezona voti zininzi kwiwadi leyo iba nguye uceba. Ooceba beewadi kulindeleke ukuba baxhase iimfuno zeewadi zabo, nokuba uceba lowo ungoweliphi iqela lezopolitiko. Ooceba beewadi akunyanzelekanga babe yinxalenye yeqela lezopolitiko kwaye bangazimela geqe.
- **Ooceba abangabameli ngokolwalamano (PR)** banyulwa ngokwahlukileyo kooceba beewadi. **Abahlali bavotela iqela lezopilitiko, nothi ke ngoko ufumane inani elithile lezihlalo kwibhunga nelalamana nesabelo selo qela sazo zonke iivoti ezibaliweyo**. Oku kubizwa ngokuba **kukumela ngokolwalamano**. Amaqela ezopolitiko akhetha abantu abathi babe ngooceba ngokwemigaqo yayo nezinto ezibekwa phambili kwiqela elo. Amaqela ezopolitiko adibanisa uluhlu lwabo banokuba ngabameli, ze inani lezihlalo ezifunyenwe liqela labelwe abo bakuluhlu olo, ukuqala phezulu ukwehla. Ngenxa yesi sizathu, ooceba abaziiPR banoxanduva lokuphendula ngqo kumaqela abo, kwiinkokheli zabo, kumalungu, nakubaxhasi ngaphezu kokuba benoxanduva lokuphendula kubahlali.

**Kubalulekile ukuqonda iinjongo nemigaqonkqubo yeqela ngalinye ukuze ukwazi ukuthatha izigqibo ezisekelwe kulwazi malunga nokuba iimfuno zeqela ziyangqamana kusini na nezidingo zoluntu oyinxalenye yalo.**

## Ngubani onokuba nguceba?

Nabani na ohlala kumasipala apho abhaliselwe ukuba avote khona angamela ukuba anyulwe njengoceba. Ukuze afaneleke, umgqatswa lowo kufuneka:

- Abe ngummi waseMzantsi Afrika onesazisi(ID) esisemthethweni
- Amnkele ukutyunjwa aze angenise iifomu eziyimfuneko kwiIEC ngaphambi komhla wokugqibela wotyunjo
- Afumane utyikityo lwabantu abangama50 abafanelekileyo ukuba bavote kumasipala esebenzisa ifomu leyo kubonelelwa ngayo yiIEC
- Ahlawule idiphozithi (njengoko kumiselwe yiIEC; eso sixa sixhomekeka kubuninzi babantu baloo masipala). Loo diphozithi uyabuyiswa emva konyulo ukuba umgqatswa lowo ufumene i10% okanye ngaphezulu kwivoti leyo
- Umntu ogwetywe ixesha elingaphezu kweenyanga ezili12 esetrongweni engenayo nendlela yokuba angahlawula umdliwo endaweni yokuya etrongweni akanakuba nguceba wawo nawuphi na umasipala isithuba sexesha eliyiminyaka emihlanu ukususela ekugwetyweni kwakhe.

## Ingaba yeyiphi imisebenzi kaceba yangokwasemthethweni?

UMgaqonkqubo nemithetho yethu ilindele ukuba ooceba:

- **Baththane noluntu** lwengingqi malunga nezidingo zalo, neendlela ekufuneka zihanjiswe ngazo iinkonzo (kuquka nokubamba iintlanganiso kunye neekomiti zeewadi noluntu ukuze bazise iingxelo)
- **Bamele** iinkxalabo zoluntu kwiingxoxo zebhunga nasekuthathweni kwezigqibo
- **Bazise** uluntu malunga nezigqibo nemisebenzi yebhunga
- **Bongamele (babeke iliso)** ukusebenza komasipala kwaye baqinisekise ukuba imali kamasipala isetyenziswa ngokufanele iimfuno zoluntu

Oku kuthetha ukuba ooceba kufuneka bafikeleleke kwaye babe nokuphendula, baze babandakanye uluntu kwizicwagciso zebhunga neenkqubo zokuthathwa kwezigqibo, besebenzisa iivoti namazwi abo kwibhunga ukubeka phambili iimfuno zabonyuli babo.

## Ingaba ngawaphi amandla **anawo uceba?**

Awona mandla kaceba abalulekileyo bubukho bakhe, ilizwi lakhe, namalungelo akhe okuvota kwibhunga. Oku kumnika amandla okuba nempembelelo kwimigaqonkqubo kamasipala nosetyenziso lweemali, kwakunye nemithetho elawula umasipala lowo. Bonke ooceba bangathi:

- Bazise umthetho kamasipala osayilwayo kwibhunga.
- Bavotele okanye bavote ngokuchasene neziphakamiso zesigqeba okanye zowisomthetho, kuquka uhlahlolwabiwomali, i-IDP nemithetho kamasipala.
- Bongeze ngokumiselekileyo imiba kwiajenda yebhunga ukuze baqinisekise ukuba ibhunga lixoxa ngemiba ebalulekileyo kuluntu.
- Benze iziphakamiso zokuba iikomiti abanezihlalo kuzo zibambe iindibano noluntu okanye ziqhube iinkqubo zokutyelela uluntu.
- Benze ukuba isigqeba nolawulo lukamasipala lube nokuphendula ngokuthi babuze imibuzo, benze iziphakamiso, okanye bale ukuxhasa iingxelo zaminyaka le.
- Baqinisekise ukuba imigaqonkqubo yebhunga nenkqubo kamasipala zizithathela ingqalelo iimbono zoluntu.

Ngokubalulekileyo, ooceba banenkululeko yokuthetha kwaye abanakutshutshiswa ngayo nantoni na abathe bayithetha kwiintlanganiso zebhunga. Oku kubalulekile kuba kuthetha ukuba bangaveza ulwazi olunokuthi lubhence ubuqhophololo, nkqu nokuba olo lwazi lufunyenwe ngokungekho mthethweni. Oku kukwathetha ukuba abanakufakelwa izimangalo zokungcolisa amagama abantu.

### Imigaqo(Ikhowudi) yeeNdlela yokuZiphatha **kooCeba**

Ooceba babotshelelwa yiMigaqo yeeNdlela zokuziPhatha kooCeba emiselwe kuzwelonke (efumanyanwa kuMthetho wamaSebe ooMasipala), kwakunye nayimigaqo emiselwa ngumasipala ngamnye namaqela ezopolitiko kamasipala lowo. Umasipala ngamnye kufuneka ube nemigaqo nemigaqonkqubo yawo emalunga nemisebenzi noxanduva lokuphendula looceba, amasebe ezopolitiko, namagosa.

## OOCEBA KUFUNEKA:

- Benze umsebenzi wabo ngokunobulungisa, ngokunyanisekileyo, ngokungafihli nto, kwaye ngokulungele iimfuno zomasipala lowo (kuquka noluntu).
- Base iingxelo kuluntu lwabo malunga nokusebenza komasipala lowo ka4 ubuncinane ngonyaka.
- Babhengeze zonke iinkcukacha zabo zemali ngokubhalwe phantsi bazise kumphathi womasipala zingagqithanga iintsuku ezingama60 emva kokunyulwa kwabo. Ezo nkcukacha ziquka naluphi na uhlobo lotyalomali, ipropati, izibonelelo, iimali zomhlalaphantsi, neenkxasomali (Ezi nkcukacha ziyahlaziywa unyaka nonyaka).
- Babhengeze iinkcukacha ezipheleleyo zazo naziphi na iinzuzo abaza kuthi bona okanye iintsapho zabo zizifumane kwiikhontrakthi eziye zatyikitywa okanye eziza kutyikitywa kunye nomasipala (Oku kufuneka kwenziwe kwintlanganiso yebhunga yokuqala, apho kukwazekayo khona).


Ukuze ufunde malunga nendlela yokwenza ooceba ukuba babe nokuphendula, jonga icandelo 4.1 lesikhokelo seCOMPACT *UkuSebenzela uRhulumente weNgingqi ongeNtsebenziswano.*

## OOCEBA ABANAKO:

- Ukuthatha inxaxheba kuzo naziphi na iintlanganiso ezixoxa umba apho kukho ungquzulwano lweemfuno.
- Ukuba nawo nawuphi na omnye umsebenzi abawuhlawulelwayo ngaphandle kwemvume yebhunga (ooceba abasebenza ngokupheleleyo kuphela).
- Ukungabikho kwiintlanganiso ezi3 okanye ngaphezulu zilandelelana zebhunga okanye zekomiti ebekufuneka bezizimasile (kufuneka besusiwe ezikhundleni).
- Ukufumana izipho okanye iinzuzo ezisuka kwinkampani ebonelela ngenkonzo kumasipala
- Ukuthatha inxaxheba kuzo okanye ukugqalisela iintlanganiso apho kuthathwa izigqibo kwaye kwenziwa iikhontrakthi khona.
- Ukuzuza kwiikhontrakthi ezikhutshwa ngurhulumente wesizwe, nokuba kungenkampani na okanye kungabacebisi.
- Ukwamkela nawuphi na umvuzo, iinzuzo zangokwezimali, okanye uncedo olujoliswe kuceba lowo buqu okanye kuye namphi na omnye umntu ngokudiza ingcaciso yebhunga eyimfihlo, ngokuvota/ ngokungavoti ngendlela ethile, okanye ngokuphembelela ibhunga ukuba lithathe izigqibo ezithile.
- Ukukhuthaza amagosa kamasipala ukuba awaphule okanye angawuqinisi umthetho. Oku kulityala lolwaphulomthetho. Ukuzama ukuphembelela nasiphi na isigqibo somasipala esingokuphathelene nolawulo lwemali okanye iinkqubo zokufunyanwa kwezimali. Oku kulityala lolwaphulomthetho.

# Indlela abanokuthi ooceba beewadi noluntu basebenzisane ngayo

Kukho iindlela ezahlukahlukeneyo abanokuthi ooceba (bekunye neekomiti zabo zeewadi) basebenzisane ngazo nabahlali noluntu ukuze baphucule iingingqi zabo:



Imihlangano yamakomidi kumele ivuleleke emphakathini. Wucindezele umasipala wakho ukuthi wenze izinhlelo zokuthi abantu bakwazi ukwethamela imihlangano mathupha noma bayibukele ngenye indlela ukuze bazibonele okwenzekayo.

## UKUBEKA PHAMBILI UNXIBELELWANO, UKUNGAFIHLI NTO NOXANDUVA LOKUPHENDULA

Unxibelelwano kunye noluntu kufuneka lube yinto eqhubekekayo unyaka wonke, lwenziwe ngeelwimi abaziqonda kakuhle abantu, kwaye kufuneka lukhuthaze ukungafihli nto nokunyaniseka.

- Oku kungenziwa ngendlela:
- Yeentlanganiso zebhunga azivuleleke kuwonkewonke
- Yeentlanganiso zoluntu neembizo
- Yamaqonga onxibelelwano newebhusayithi kamasipala
- Yeeleta zeendaba, amaphetshana, neencwadana
- Yeenkqubo zokufaka izikhalazo ngohanjiso lweenkonzo

## UKUXHASA IIKOMITI ZEEWADI

Iikomiti zeewadi zenziwa ngamalungu oluntu noceba. Zimiselwa ukuze zikhawulelane nemiba yasekuhlaleni kwaye zibonelele ngezindululo kwibhunga likamasipala. Ooceba bangathi baphakamise iikomiti zeewadi ngokuthi:

- Babonelele ngenkxaso nemithombo yoncedo eyaneleyo
- Bathathe amanyathelo ngeengxelo zeekomiti zeewadi ngendlela yeofisi kasomlomo, iikomiti nebhunga nangokukhawulelana nemiba eziingxaki kuluntu
- Babambe iintlanganiso zeekomiti zeewadi rhoqo ukuze baqinisekise ufikelelo kulwazi
- Bancedise ekubekweni kweliso kwiiprojekthi

## UKUPHAKAMISA IINKQUBO ZENTATHONXAXHEBA KAWONKEWONKE

Uceba udlala indima ebaluleke kakhulu ekuphakamiseni nasekukhokeleni intathonxaxheba kwimisebenzi kamasipala ebudeni bonyaka, efana:

- Neenkqubo zesiCwangciso soPhuhliso esiHlangeneyo (IDP) zokwabelana ngeIDP nohlahlolwabiwomali lukamasipala
- Nothethathethwano ngohlahlolwabiwomali kunye namalungu oluntu malunga noko kubekwa phambili kwinkcithomali nezidingo zohanjiso lweenkonzo
- Ooceba kufuneka bakhawulelane nayo nayiphi na imiqobo kwintathonxaxheba ze basebenzise iindlela ezinoquko ezifana neenkonzo zoguqulo lweelwimi, ukuhambela uluntu, neerediyo zasekuhlaleni. Amaphulo aphucula isakhono sokubhala nokufunda ngeekhompyutha phakathi kwabahlali kufuneka axhaswe.

## UKUMILISELA IIPROJEKTHI ZEEWADI NEZOLUNTU

Ooceba bangazibandakanya kwiiprojekthi neenkqubo kunye nemibutho esekelwe kuluntu nengenzi nzuzo, iinkokheli zoluntu, amaqumrhu ezikolo, amashishini, nemibutho yezenkolo ngokuthi:

- Babe yinxalenye yeeprojekthi neenkqubo zokuvolontiya ukuze bakhawulelane nezidingo ezikufuphi umzekelo ukucocwa kweepakhi, uphuculo lweziseko zophuhliso.
- Babonelele ngoqeqesho lweenkokheli zasekuhlaleni namalungu oluntu ngokujoliswe kwiinkqubo zikamasipala, ulawulo, nezakhono zothethelelo.
- Baquke abantu abatsha kulawulo lweengingqi ngokusebenzisa iinkqubo zezikolo, amabhunga olutsha, neenkqubo zokuqeqeshelwa imisebenzi.

## UKUPHUHLISA IIFORAM EZINGENTSEBENZISWANO

- Ukumisela iiforam ezidibanisa abachaphazelekayo abahlukahlukeneyo ukuze kuxoxwe kwaye kukhawulelwane nemiba eziingxaki ekuhlaleni ngentsebenziswano.
- Ooceba bangalungelelanisa amaqela ekugxilwe kuwo ngokujoliswe kwimiba engqalileyo, efana nezezindlu, ezamanzi, nezococeko, apho abahlali noooceba banokuthi basebenzisane ukuze bafumane izisombululo.

## UKUMELA UTSHINTSHO LWEMIGAQONKQUBO

Uluntu nooceba bangathi xa bebonke basebenzele utshintsho lwemigaqonkqubo ngokuthi:

- Ukumela iinguqu kwimigaqonkqubo ezizuzisa uluntu, oku kungaquka ukwenziwa kweenguqu kwimithetho kamasipala, imigangatho yohanjiso lweenkonzo, okanye izicwangciso zophuhliso.
- Ukungenisa izibongozo nokuqhuba amaphulo okwazisa ukuze kugqanyiswe imiba eziingxaki eluntwini kwaye kusetyenzelwe ukuthathwa kwamanyathelo ngumasipala.

## UKUKHUTHAZA IMFUNDO YOLUNTU

Imfundo yoluntu yinkqubo yokufundisa abahlali malunga namalungelo abo, uxanduva lwabo, neendima zabo kwintlalo engenkqubo yentando yesininzi. Oku kungenziwa ngendlela yeewekhshophu neesemina, nangokwabelana ngeemathiriyeli zemithombo yoncedo.

## UKUQINISA INKQUBOSIKHOKELO YOXANDUVA LOKUPHENDULA

- Ukuchazwa kweenkqubo ezicacileyo zokuxela ukungaziphathi kakuhle, namanyathelo okunyusela iingxaki kwabakumanqanaba angentla nezohlwayo. Ukumiselwa kwamajelo afikelelekayo okuxelwa kweengxaki nokufakwa kwezikhalazo zoluntu.
- Ukuziswa kwezixhobo zokubekwa kweliso ekusebenzeni nokudalwa kweethemplethi ezingummiselo zokwenziwa kweengxelo ezingokusebenza zarhoqo ngekota. Ukucaciswa kwezibonakalisi ezikwazekayo ukuthathwa imilinganiso (iiKPI) ukulungiselela ukusebenza kooceba ngokusebenzayo, ezifana nokuzimasa, ukuzibandakanya noluntu, nokuba nokuphendula.
- Ukuphucula ukonganyelwa kweemali ngokuhlanganisa isikhokelo kwiinqobo zolawulo lweemali olusisiseko ngokujoliswe kooceba.

